Embindini wale miba kukho into yokuba ulwimi luthungelana ngokusondeleyo nobuni nonxibelelwano. Xa kuziwa kuRhulumente weNtshona Koloni ukwakha isazisi sentlalo esibandakanyayo, nonikezelo olubandakanyayo lweenkonzo zoluntu, umsebenzi weWCLC ubaluleke kakhulu.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sijolise ekuphumezeni uMthetho weLwimi wePhondo leNtshona Koloni (uMthetho we13 ka1998) kwaye yongamele ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni. Ikwanika iinkcukacha ngamanyathelo amiselweyo okufikelela kwiinjongo ezicwangcisiweyo nombono weWCLC – ukuxhobisa ngakumbi wonke umntu othathela ingqalelo iNtshona Koloni njengekhaya labo ngolwimi ukukhuthaza isidima somntu ngokuhloniphana nedemokhrasi yolwimi.

Okulindelekileyo kukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka siza kwenza ukuba iWCLC ikwazi ukufezekisa iimfuno zabahlali baseNtshona Koloni, kwaye ke ngoko ndiyasivuma ngentliziyo epheleleyo.



**Anroux Marais**  
**IGunya eliLawulayo leWCLC**  
**KweyoKwindla wama2024**



## INGXELO YEGOSA ELIPHENDULAYO

UMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni ufuna iilwimi ezahlukeneyo ukukhuthaza intsebenziswano yoluntu nonxibelelwano olungcono phakathi kwabantu. Ndiziva ndinelunda ukunikezela le ngxelo egameni leGosa eliPhendulayo leKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC), ibonakalisa uhambo lweziko lethu, impumelelo neminqweno. IKomiti ihleli iqinile ekuzinikeleni kwayo kwiyantlukwano yeelwimi, ukutyebisa inkcubeko, kunye nokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwingingqi yethu. Umbono weWCLC kukudala imeko yeelwimi ebandakanyayo ebhiyozela kwaye igcine ubutyebi beelwimi ezithethwa eNtshona Koloni.

Izinto eziphambili eziphunyeziweyo kulo nyakamali uphelileyo zibandakanya ukuphunyezwa ngempumelelo kwamaphulo okwazisa ngolwimi nokushicilelwa kwakhona kwencwadana yesiNama, ekhoyo ngoku kwiUSB flash drive. IKomiti ikwathathe inxaxheba kulawulo lweentshatsheli zeNgingqi yeFunda Mzantsi. IKomiti iza kuqhubeka ukuthatha inxaxheba kule nkqubo, eququzelelwa liThala leeNcwadi likaZwelonke laseMzantsi Afrika neSebe leeNkonzo zoLuleko. Okokuqala ezimbalini, iNcwadana yoMthetho weBhayisekile neNtenetya yeTafile ziguqulelwe esiXhoseni. Ukongeza koku, isiganeko esibalulekileyo kukwamkelwa koLwimi lweZandla loMzantsi Afrika (SASL) njengolwimi olusemthethweni eMzantsi Afrika. IKomiti ihleli izinikezele ekuqinisekiseni ukukhuthazwa nophuhliso lweSASL.

Xa sijonge phambili, ugqaliselo lwethu lwesicwangciso sexesha elizayo locwangciso lugxile ekuqhubeleni phambili iinzame zethu zokugcina ulwimi, ukuvuselela, nokuxhasa. Sijonge ukwandisa iinkqubo zethu zokufikelela eluntwini, sithethathethana noluntu oluninzi ukwazisa ngokubaluleka kweyantlukwano yeelwimi nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi. Intsebenziswano

namaziko emfundo iza kuqhubeka ingundoqo, njengoko sisebenzela ukudibanisa amaphulo okufundisa iilwimi kumanqanaba ngamanqanaba.

Siyakuqinisekisa ukuzinikela okungagungqiyo kweziko lethu ekuphumezeni isiCwangciso sethu sowama2020/21 ukuya kowama2024/25, ukuphucula unikezelo lweenkonzo nokuqinisekisa ukuba iilwimi ziyafikeleleka kubo bonke abantu abahlala eNtshona Koloni. Siyakuqonda ukubaluleka kokulungelelanisa izenzo zethu nezalathi ezikhankanyiweyo, kwaye siya kuqhubeka ukuziqhelanisa nokuguquka ukuze sihlangebezane neningeni namathuba aseza. IKomiti iza kuqhubeka nokusebenzisana noluhlu lwabachaphazelekayo ukukhuthaza intsebenziswano eza kukhokelela kubandakanyo loluntu, ukuze kuhlangatyezwane nezalathi zethu ezimiselweyo zeAPP yowama2024-2025. Iinzame zethu zentsebenziswano neenkokeli zasekuhlaleni, abafundisi-ntsapho, neengcali zolwimi zibe luncedo ekuqhubeleni phambili iinjongo zethu zolwimi.

Ndingathanda ukwenza umbulelo ongazenzisiyo kuMphathiswa uAnroux Marais ngenkxaso yakhe engagungqiyo namalungu azinikeleyo eKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni neYunithi yeeLwimi yeDCAS, abanomdla wabo neenzame zabo ezingadinwa zibe negalelo elikhulu kwimpumelelo yethu.

**Genevieve Lentz**  
**USihlalo weWCLC**  
**Egameni leGosa eliPhendulayo**  
**KweyoKwindla wama2024**

# UTYIKITYO OLUSEMTHETHWENI

Kuyaqinisekiswa ke ngoko ukuba le APP:

- yaphuhliswa yiWCLC phantsi kwesikhokelo sikaMphathiswa uAnroux Marais;
- ithathela ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho neminye imiyalelo enoxanduva lweWCLC;
- ibonisa ngokuchanekileyo impembelelo, iziphumo kunye neziphumo iWCLC eza kuzama ukuziphumeza kwisithuba sowama2024/25.

**Brenda Rutgers**

IGosa leMali eliyiNtloko (CFO)



**Genevieve Lentz**

USihlalo weWCLC

Egameni leGunya eliPhendulayo



**Guy Redman**

IGosa eliPhendulayo leDCAS



Ivunywe ngu:



**Anroux Marais**

IGunya eliLawulayo laseWCLC



## IZIFINYEZO

<b>AOP</b>	IsiCwangciso esiSebenzayo soNyaka
<b>APP</b>	IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka
<b>AU</b>	IManyano yeAfrika
<b>CFO</b>	IGosa leMali eliyiNtloko
<b>CSVR</b>	Iziko leMfundo ngoBundlobongela noXolelwaniso
<b>DCAS</b>	ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
<b>ECM</b>	UJawulo loMxholo woShishino
<b>MEC</b>	ILungu leSigqeba soLawulo
<b>MTSF</b>	ISakhelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka
<b>NDP</b>	IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke
<b>NID</b>	IZiko likaZwelonke labantu abaNgevayo ngendlebe
<b>PanSALB</b>	IBhodi yeeLwimi zonke zoMzantsi Afrika
<b>PFMA</b>	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we1999
<b>PLC</b>	IKomiti yeeLwimi yePhondo
<b>POPIA</b>	UMthetho woKhuseleko lweNkcukacha zoMntu, wama2013
<b>PSIP</b>	Iqhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo
<b>PSP</b>	Iqhinga lesiCwangciso sePhondo
<b>SASL</b>	ULwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika
<b>SDGs</b>	IiNjongo zoPhuhliso oluZinzileyo
<b>VIPs</b>	OkuPhambili okuPhenjelelwa nguMbono
<b>WCG</b>	URhulumente waseNtshona Koloni
<b>WCLC</b>	IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni

## ICANDELO A: IGUNYA LETHU

### 1. UHLAZIYO KUMAGUNYA OMTHETHO AFANELEKILEYO NOMGAQONKQUBO

#### 1.1 Amagunya oMgaqosiseko

Icandelo	Inkcazelo
<b>Umgaqosiseko weRiphabliki woMzantsi Afrika, we1996</b>	
Icandelo lesi6(3), (elesi4) (nelesi5): uLwimi	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka, ngowisomthetho nangezinye iindlela, alawule aze abeke iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zihlonitshwe ngokulinganayo kwaye ziphathwe ngokulinganayo. I-WCLC isebenzisana neBhodi yeeLwimi zonke zoMzantsi Afrika ukukhuthaza iilwimi ezintathu ezisemthethweni zePhondo nokudala iimeko zophuhliso nokusetyenziswa kolwimi lwesiKhoi, isiNama nesiSan noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika. I-WCLC, ngentsebenziswano neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS), inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weelwimi weNtshona Koloni, owamkelwe ngowama2001, kwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni malunga nalo myalelo ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS yongamela iWCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso yolawulo neyemali.
Icandelo lama30: uLwimi nenkcubeko	I-WCLC iququzelela amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise amalungelo abo olwimi nenkcubeko ngeenkqubo neprojekthi ezibonelelwa yiyo nezo izixhasayo.
Icandelo lama 31: Uluntu lwenkcubeko, inkolo neelwimi	I-WCLC kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo neprojekthi zayo ziyayihlonipha iyantlukwano yenkcubeko yabemi baseNtshona Koloni.
Icandelo lama41: Imithethosiseko yorhulumente wentsebenziswano nobudlelwane phakathi koorhulumente	I-WCLC isebenzisana nawo onke amanqanaba karhulumente ekuphumezeni igunya layo.
Ishedyuli yesi4: lindawo ezisebenzayo zobuchule bowisomthetho kuzwelonke nakwiphondo	Ngokumalunga nomgaqonkqubo weelwimi nolawulo lweelwimi ezisemthethweni kangangokuba imimiselo yecandelo lesi6 loMgaqosiseko ibeka ngokucacileyo ukufaneleka kowisomthetho kwiPalamente yePhondo leNtshona Koloni, iWCLC isebenza ngokusondeleleneyo neSebe likaZwelonke lezeMidlalo, uBugcisa neNkcubeko namanye anxulumene nawo. Amaziko karhulumente kwimiba yomgaqonkqubo weelwimi.
Icandelo le195: limpawu zentsulungeko ezisisiseko nemithethosiseko ephethe ulawulo lukarhulumente	Amagosa eDCAS anoxanduva lokuphumeza isigunyaziso seWCLC kufuneka aqinisekise ngokusetyenziswa kwezibonelelo ngokufanelekileyo, ngoqoqosho nangokusebenzayo. Iinkqubo ezenziwe kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise izibonelelo ezizezona ziphezulu ngelona xabiso liphantsi.



Icandelo	Inkcazelo
<b>Umgaqosiseko weNtshona Koloni, we1997 (uMthetho woku1 we1998)</b>	
Icandelo lesi5	<p>Ngeenjongo zikaRhulumente weNtshona Koloni:</p> <ol style="list-style-type: none"> <li>iilwimi ezisemthethweni isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kufuneka zisetyenziswe; kwaye</li> <li>iilwimi zixhamle iwonga ngokulinganayo.</li> </ol> <p>I-WCLC kufuneka ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa kwiNtshona Koloni.</p> <p>I-WCLC kufuneka kwakhona iphumeze imilinganiselo esebenzayo neyakhayo ukunceda ukuphakamisa iwonga nokuqhubela phambili ngokusetyenziswa kwezo lwimi zemveli zaseNtshona Koloni ebezikade kusingelwe phantsi isikhundla nokusetyenziswa kwazo.</p>
Icandelo lama81(d)	URhulumente weNtshona Koloni kufuneka amkele kwaye aphumeze imigaqonkqubo yokukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu baseNtshona Koloni ngenkuthalo, kubandakanywa nemigaqonkqubo ejolise ekuphuhliseni ukuhlonitshwa kwamalungelo enkubeko, inkolo neelwimi eNtshona Koloni.

## 1.2 Amagunya owisomthetho

Uwisomthetho	Isalathisi	Inkcazelo
UMthethosi-Hlomelo weshumi elinesibhozo woMgaqosiseko, wowama2023	uMthetho wesi3 wama2023	Lo Mthetho uhlomela icandelo lesi6 loMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, we1996, ngokuthi kongezwe uLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika njengolunye lweelwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika.
UMthetho weBhodi yeeLwimi zonke zoMzantsi Afrika	uMthetho wama59 we1995	I-WCLC yamkelwa yiBhodi yeeLwimi zonke zoMzantsi Afrika. Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yeeLwimi zonke zoMzantsi Afrika iseke ikomiti yeeLwimi yephondo (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PLC eNtshona Koloni yePanSALB yasekwa kweyeThupha wama2019.
UMthetho woKhuselo lweNkcukacha zoMntu (POPIA)	uMthetho wesi4 wama2013	UMthetho ukhuthaza ukukhuselwa kweenkcukacha zomntu okuqhutywa ngamaqumru karhulumente nawabucala; ukwazisa iimeko ezithile ukuze kumiselwe ubuncinane beemfuno zokusetyenzwa kweenkcukacha zomntu. Ukongeza, uMthetho ubonelela ngokusekwa koMlawuli weNkcukacha ukuba asebenzise amagunya athile nokwenza imisebenzi ethile ngokwalo Mthetho noMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kwiiNkcukacha, wama2000.
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA)	uMthetho woku1 we1999	I-WCLC kufuneka ingenise iingxelo zekota nezonyaka malunga nonikezelo lwentsebenzo yayo neengxelo zemali eziphicothiweyo ezisekelwe kwinjongo yesicwangciso ekujoliswe kuko kunyakamali ngamnye.
UMthetho wobuNkokheli beMveli nobuKhoi-San	uMthetho wesi3 wama2019	UMthetho ubonelela nge: <ul style="list-style-type: none"> <li>ukuvunywa koluntu lwemveli namaKhoi-San, izikhundla zobunkokheli nokurhoxiswa koqwalaselo olunjalo;</li> <li>imisebenzi kunye neendima zeenkokheli zemveli namaKhoi-San;</li> <li>ukuvunywa, ukusekwa, imisebenzi, iindima nolawulo lwamabhunga obukumkani okanye ookumkanikazi, amabhunga emveli aziintloko, amabhunga emveli, amabhunga amaKhoi-San namabhungana emveli, ngokunjalo nenkxaso kumabhunga anjalo;</li> <li>ukusekwa, ukwakhiwa nokusebenza kweNdlu kaZwelonke yeeNkokheli zeMveli namaKhoi-San;</li> </ul>

Uwisomthetho	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho wobuNkokheli beMveli nobuKhoi-San	uMthetho wesi3 wama2019	<ul style="list-style-type: none"> <li>• ukusekwa kwezindlu zamaphondo zeenkokheli zemveli neenkokheli zamaKhoi-San;</li> <li>• the ukusekwa kunye nokwakhiwa kwezindlu zengingqi zeenkokheli zemveli neenkokheli zamaKhoi-San;</li> <li>• ukusekwa nokusebenza kweKomishoni yeMiba yamaKhoi-San;</li> <li>• umgaqo wokuziphatha wamalungu eNdlu kaZwelonke, izindlu zamaphondo, izindlu zengingqi nawo onke amabhunga emveli namaKhoi-San; kunye</li> <li>• namagunya olawulo oMphathiswa neNkulumbuso.</li> </ul>
UMthetho woku-setyenziswa kweLwimi ezise-Mthethweni	uMthetho we12 wama2012	Lo Mthetho usebenza ngokukodwa kumasebe kazwelonke, amaqumrhu karhulumente kazwelonke namashishini karhulumente kazwelonke. Ukuba imiba yoMthetho ibinokuba nefuthe kumgaqonkqubo weelwimi nokusebenza eNtshona Koloni, i-WCLC ibiza kuba negunya lokudlala indima.
UMthetho weLwimi zePhondo laseNtshona Koloni	uMthetho we13 wowe1998	<p>I- WCLC kufuneka, Phakathi kwezinye izinto:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukubeka iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Koloni;</li> <li>• yenza izindululo kuMEC (iLungu lesiGqeba esiLawulayo) nakwiPalamente yePhondo ngawo nawuphi na umthetho ocetywayo okanye okhoyo, inkqubo nomgaqonkqubo ochaphazela ulwimi eNtshona Koloni;</li> <li>• ukukhuthaza umthethosiseko wokuthethwa kweelwimi ezininzi;</li> <li>• ukukhuthaza ngamandla uphuhliso lweelwimi ebezifudula zisingelwe phantsi;</li> <li>• ukucebisa uMEC neKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni kwimiba yolwimi kwiPhondo; kwa</li> <li>• nokunicebisa iPanSALB kwimicimbi yelwimi eNtshona Koloni.</li> </ul>

### 1.3 Amagunya omgaqonkqubo

#### UMXHOLO WOMGAQONKQUBO KAZWELONKE NOWAMAZWE NGAMAZWE

linjongo zeAjenda yama2030 yoPhuhliso oluZinzileyo neeNjongo zayo zoPhuhliso oluZinzileyo ezili17 (SDG) ziseka ugxininiso olufanelekileyo lwamazwe ngamazwe kwiKomiti. linjongo zowama2063 zeManyano yeAfrika (AU) ezihambelana neeSDG, zikhankanya iminqweno esixhenxe yelizwekazi, equka iAfrika ehlangeneyo, iAfrika ehlumayo, iAfrika yedemokhrasi neAfrika enoxolo, enesazisi senkcubeko esomeleleyo iqhutywa ngabantu kwaye ingamandla aguqukayo ehlabathi. Ulwimi ludlala indima ebaluleke kakhulu kunxibelelwano nakumanyano lwentlalo kwaye lusingiseko esibalulekileyo sofezekiso lwezi njongo.

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke (NDP) sowama2030, esihambelana neNjongo yeAU yowama2063 neeSDG, sibonelela ngesakhelo

somgaqonkqubo wokuphelisa intlupheko nokunciphisa ukungalingani ngowama2030. ISakhelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyakaukuphunyezwa nokubekwa kweliso kweNDP kwaye ibandakanya izinto eziphambili ezisixhenxe, ngolu hlobo lulandelayo:

1. INguqu yezoQoqosho nokuDala iMisebenzi;
2. Ezemfundo, iZakhono nezeMpilo;
3. Ukudityaniswa koMvuzo weNtlalo ngeNkonzo ezisiSiseko esiThembekileyo neziseMgangathweni;
4. Ukudityaniswa koMhlaba, ukuHlaliswa koLuntu noRhulumente waseKhaya;
5. Ubumbano eLuntwini noLuntu oluKhuselekileyo;
6. ILizwe eliSebenzayo, eliPhakamisayo neliPhuhlisayo; kunye
7. NeAfrika neLizwe elingcono

**IKomiti yenza igalelo kwiZiphumo zikaZwelonke zeMTSF ngolu hlobo lulandelayo:**

OkuPhambili kweMTSF	Igalelo leKomiti
Okuphambili kwesi6: Ubumbano eluntwini noluntu olukhuselekileyo	Ukuze kwandiswe ulwazi nokusetyenziswa kweelwimi ezintathu ezisemthethweni noLwimi lokuThetha ngeZandla kubahlali baseNtshona Koloni, iKomiti ikhuthaza ubumbano eluntwini noluntu olukhuselekileyo ngokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, iilwimi zesintu ezingakhathalelwanga neSASL ngeenkqubo zayo.
Okuphambili kwesi7: Ilizwe neAfrika engcono	Ukuxhasa ukudityaniswa kwengingqi nelizwekazi, iKomiti ibhiyozela kwaye ikhuthaze imihla ekhethiweyo yelizwe neyamazwe ngamazwe ebalulekileyo ukukhuthaza ukubandakanywa loluntu.

**UMXHOLO WOMGAQONKQUBO WEPHONDO****IQhinga lesiCwangciso sePhondo (PSP) 2019 – 2024 nesiCwangciso soBuyiselo eNtshona Koloni**

I-PSP ibonelela ngesakhelo sesicwangciso semiba ephambili yomgaqonkqubo wohlahlo lwabiwomali lwexesha eliphakathi lonyaka lephondo, lona olulungelelaniswe neziphumo zesicwangciso seNDP. Isalathisi sesiphumo seKomiti sinxulunyaniswa nokuPhambili okuPhenjelelwa nguMbono wePSP yeWCG (VIPs), ingakumbi ngokunxulumene neVIP yoku1: Uluntu olukhuselekileyo noluBumbeneyo neVIP yesi3: Ukuxhobisa abantu. Ezi VIPs zifuna ukunciphisa uninzi lwemiba yemingcipheko ekuhlaleni, ngokubandakanywa kwezoqoqosho nokuxhotyiswa kwezemfundo okunokwakha umntu, intsapho noluntu oluzinzileyo kubundlobongela.

Isibhengezo sikaZwelonke seNtlekele ngenxa yobhubhani weKhowidi-19 siphembelele isicwangciso sohlengahlengiso kungenelelo, iinkqubo neeprojekthi zePSP. Imingeni esisiseko sePSP ayitshintshanga, kodwa lo bhubhani uye waqinisa imingeni elijongene nayo eli phondo, kwaye kuye kwavela iingxaki ezintsha. Ngelixa iPSP isisakhelo sesikhokelo, isiCwangciso soBuyiselo seWCG sigxile kwimisebenzi, ukhuseleko nempilo entle. Ukhuseleko nokuphila kakuhle kubaluleke kakhulu kumsebenzi weKomiti.

Ngokubhekiselele kwimpumelelo yeVIP efanelekileyo nesiCwangciso soBuyiselo iWCG, iKomiti iza kuqhubeka ikhuthaza uMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni. Ngokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi nokukhuthazwa kweelwimi zesintu, iKomiti iza kuba negalelo kukhuseleko nentlalontle yabemi, ngokudala amathuba okuxhotyiswa kubahlali baseNtshona Koloni ukuze balungise ubomi babo nobabanye nokuqinisekisa

ubomi obunentsingiselo nobundilisekileyo, nto leyo ebangela ukuba abantu baphile ubomi obunentsingiselo nobunesidima okungoko oko kuza kudala uluntu olumanyeneyo ngokwentlalo.

Ngokusetyenziswa kweengxoxo zentsebenziswano noluntu, ngakumbi ngeentsuku zeelwimi zikazwelonke nezamazwe ngamazwe ezibalulekileyo, iKomiti ikhuthaza kwaye ibhiyozele iyantlukwano. Ngale ndlela abemi baziva beyinxalenye kwaye bazibandakanye baze babelane ngamava abo kwaye baqaqambise iiprojekthi eziya kunceda ukukhuthaza uvelwano nenkxaso phakathi koluntu olwahlukeneyo. Oku ke kunegalelo ekubekeni phambili ukhuseleko, kuba abahlali abaziva behlonitshiwe kwaye benesidima bengafane babandakanyeke kulwaphulomthetho nobundlobongela (isiCwangciso soBuyiselo seNtshona Koloni; kweyoKwindla wama2021).

Ngokunxulunyaniswa nombaba wokhuseleko oluphambili, iKomiti ibisebenzisana neSebe leeNkonzo zoLuleko neThala leeNcwadi likaZwelonke loMzantsi Afrika ukususela ngowama2022 kwaye iza kuqhubeka ngobu buhlakani ngokuthatha inxaxheba nangokulungiselela abagwebi kwiintshatsheli zeFunda Mzantsi. Le nkqubo ithathela ingqalelo indima edlalwa kufundwa ekubuyiseleni izimilo zaboni. Le nkqubo ke ngoko ikhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwaye ikhuthaza aboni ukuba bafunde, babhale kwaye baxabise izimvo neengcinga zabanye. Iinkqubo ezifana nezi zikwanegalelo ekubuyiseleni izimilo zaboni nokuthomalalisa ukwenzeka kwakhona kwezenzo zolwaphulomthetho.

## 2. UHLAZIYO KWIMIGAQONKQUBO NAKWIZICWANGCISO ZEZIKO

Ukubaluleka kolwimi kucacisiwe kwimimiselo esisiseko yeCandelo lesi6 loMgaqosiseko woMzantsi Afrika, we1996. UMthetho weLwimi wePhondo leNtshona Koloni, we1998 ucacisa ngakumbi isigunyaziso seKomiti noMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni usebenza njengesakhelo solawulo. kwiWCG malunga nokusetyenziswa kolwimi ephondweni.

Ulwimi luhlala lulikhonkco elibalulekileyo eliza kubophelela isizwe sethu njengoko sibuyela kwaye sizakhela kwiziphumo ezibi zobhubhani weKhovidi-19. Ukufezekiswa kwePSP nesiCwangciso soBuyiselo kuza kuxhomekeka kulwimi, nto leyo engumba obalulekileyo wonxibelelwano lwabantu nokwakha uluntu. Ulwimi sisiseko sempucuko yoluntu, ukudibanisa abantu, ukugcina inkcubeko, ukuququzelela imfundo, ukukhuthaza ukukhula kwengqondo, ukwenza intsebenziswano yehlabathi, ukudala amathuba emisebenzi, nokuqhubela phambili uluntu ngokubanzi.

Ulwimi luthwele ilifa, izithethe, nembali yenkcubeko. Ngolwimi, abantu babonakalisa ubuni benkcubeko yabo, kwaye yindlela yokudluliselwa kolwazi ukusuka kwesinye isizukulwana ukuya kwesinye. Inceda ukugcina ubuni obukhethekileyo boluntu, kuquka amabali abo, iinkolelo nezithethe zabo. Nangona ibhaliwe kuMgaqosiseko njengelungelo loluntu kwaye ikhuselwe ngomthetho kazwelonke nowephondo, kubalulekile ukuqhubeka nokwazisa abantu nokuqinisekisa ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni.

I-WCLC yadweliswa njengeShedyuli yesi3, icandelo C lequmrhu likarhulumente wephondo ngomhla woku1 kweyeSilimela wama2001 ngokwePFMA. IKomiti iphantsi kolawulo lweqhinga loMphathiswa njengoGunyaziwe oLawulayo kwaye inika ingxelo ngeNtloko yeDCAS. Ukusebenza kwayo kubekwe esweni yiDCAS. .

## 3. IZIGWEDO ZENKUNDLA EZIFANELEKILEYO

Ayingeni

## ICANDELO B: UGXININISO LWETHU LWESICWANGCISO

### UMBONO

Ukuxhotyiswa kwabo bonke abantu baseNtshona Koloni ngolwimi; ukuphuculwa kwesidima somntu ngokuhloniphana kulwimi nokukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi.

### UMNQOPHISO

Ukubeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezintathu zaseburhulumenteni zaseNtshona Koloni; ukubeka esweni ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weelwimi weNtshona Koloni; ukucebisa uMEC onikwe uxanduva lwemicimbi yeelwimi; nokucebisa iPanSALB ngemiba yolwimi ekwiphondo okanye echaphazela iphondo.

## 4. UHLALUTYO LWEMEKO EHLAZIYIWEYO

Ngenxa yokudityaniswa kwehlabathi, ulawulo lukarhulumente kufuneka lufune amathuba amatsha okusombulula imiba entsonkothileyo olujongene nayo. Ukudityaniswa kwehlabathi kubangele ukwanda kokudityaniswa kweenkqubo zentlalo, ezoqoqosho, ezopolitiko nezobuchwepheshe. Izicwangciso eziliqili kwiinguqulelo ezintsha ziquka ukudibanisa iinkonzo, ukubandakanya abemi, ukugcina ubambiswano nokusebenzisa iinkcukacha nobuchwepheshe.

### 4.1 ISimo sangaphandle

#### IMIBA YEZOPOLITIKO

IKomiti iza kuqhubeka ukubeka esweni imigaqonkqubo nezicwangciso ezitsha eziqalwe lisebe likazwelonke ukuqinisekisa ukuba umsebenzi walo uhlala ufanelekile kwaye uhambelana neenkqubo zikazwelonke.

#### IMIBA YEZOQOQOSHO

Isibhengezo sikaZwelonke seNtlekele ngenxa yeKhowidi-19 sibe nefuthe elibi kuwo onke amacandelo ezoqoqosho saze sayenza mandundu imeko yentswelangqesho esele ikho, nto leyo enegalelo ngakumbi kubuhlwempu nokungalingani kweli lizwe. IKomiti ayisayi kuyihlengahlengisa inkxasomali kwiinkqubo zayo kodwa ukuze kuthonyaliswe ifuthe lezemali, iWCLC iza kuqhubeka nokwamkela iModeli yoThungelwano oluLawulwayo, oluya kugxila kwintsebenziswano namaqumrhu afanelekileyo abelana ngeziguqunyaziso ezifanayo, ekuphunyezweni kokukhuthaza ukuphunyezwa koMsebenzi. uMgaqonkqubo weelwimi weNtshona Koloni.

#### IMIBA YENTLALO

Ngokobalo lwakutsha nje olwenziwa liZiko leeNkcukachamanani loMzantsi Afrika lwama2022, isiXhosa, esithethwa li16.3 leepesenti yabemi, silulwimi lwenkobe lwesibini oluthethwa kakhulu eMzantsi Afrika, ngama31.4 epesenti yabantu abantetho isisithethayo eNtshona Koloni. IsiBhulu lulwimi lweenkobe lwabemi boMzantsi Afrika abali10.6 ekhulwini, yaye ama41.2 eepesenti yabantu abantetho isisiBhulu bahlala

eNtshona Koloni. Bangaphantsi kwesi8.7 seepesenti sabemi boMzantsi Afrika abathetha isiNgesi njengolwimi lwabo lweenkobe, kodwa iseyeyona ndlela iphambili yonxibelelwano kweli lizwe. Abantwana bafundiswa kwaye kulindeleke ukuba bafunde kwiincwadi zezifundo ezibhalwe ngesiNgesi. Uninzi lwabantwana abathetha ulwimi lwesiNtu batshintshela kwisiNgesi njengolwimi lwabo lokuqala lokufunda kwiBanga lesi4. IKomiti izibophelele ekukhuthazeni iilwimi zenkobe zemveli, njengoko iqaphela indlela ezibaluleke ngayo ezi lwimi ekujonganeni neningeni yentlalo yelizwe lethu, eza kuthi ukujika sixhobise abantu bethu kwaye sibe negalelo ekuphuculeni uzoqoqosho lwethu. I-WCLC ijonge ngethemba ekusebenzisaneni nemibutho yeelwimi nabaqulunqi bemigaqonkqubo, ngokubhekiselele kuqinisekiso lwendlela efanayo malunga nalo mba usisiseko.

#### IMIBA YEZOBUCHWEPHESHE

Ubhubhani weKhowidi-19 waveza iindlela ezintsha zokusebenzisa umsebenzi weKomiti. IKomiti ikwazile ukusebenzisa i-intanethi, amaqonga entsebenziswano ukwenza isiguqunyaziso sayo. Nangona kunjalo, emva kokuba isibhengezo seSimo seNtlekele ngenxa yobhubhane weKhowidi-19 sasuswa, kwaye njengoko iKomiti idibana kuphela izihlandlo ezithandathu ngonyaka, iye yagqiba ekubeni ibe neentlanganiso zomntu. Iintlanganiso zocwangciso phakathi kwabasebenzi, amalungu nabathathinxaxheba, apho kuyimfuneko, zizeza kuqhubeka kusetyenziswa iIMS Teams.

#### ISIMO SEZOMTHETHO NOLAWULO

UMthethosiHlomelo weshumi elinesibhozo loMgaqosiseko, owaqalisa ukusebenza ngowama2023 ulungisa iCandelo lesi6(1) loMgaqosiseko waseMzantsi Afrika, wowe1996, uvumela ukwamkelwa kweSASL njengolonye lweelwimi ezisemthethweni zelizwe. IKomiti, ngokubambisana namanye amaqabane isoloko ibeka phambili iimfuno zabantu abangevayo ngeendlebe ngeenkqubo zayo kwaye iza kuqhubeka ukwenza oko ukuya phambili.

## IMIBA YEZENDALO

Imbalela, ukunqongophala kwamanzi namaza obushushu ngenxa yokutshintsha kwemozulu kunokuba nefuthe elibi ekuzimaseni iinkqubo zoluntu zeKomiti.

## 4.2 Isimo sangaPhakathi

### I-PROFAYILE YEZABASEBENZI

I-WCLC isekwe ngokweCandelo lesi6 loMthetho weLwimi wePhondo leNtshona Koloni, we1998. NgokoMthetho, amalungu eKomiti atyunjelwa isithuba seminyaka emithathu. Amalungu ali11 awona aphezulu anokonyulwa kwiKomiti. Amalungu eKomiti atyunjwa ngokutyunjwa kukawonkewonke nenkqubo yoluhlu olufutshane, eququzelelwa yiKomiti echaphazelekayo kwiNdlu yoWisomthetho, ilandelwa kukuqeshwa nguMEC. IKomiti ekhoyo ngoku inamalungu alithoba anyulwe ukususela ngomhla woku1 kweyoMdumba ngowama2022.


IKomiti liGosa elinoXanduva lequmrhu kwaye inoxanduva layo yonke imicimbi enxulumene nolawulo ngokweCandelo lama49 ukuya kwelama57 lePFMA. Isigqibo sathathwa ngomhla we10 kweyoMdumba

wama2022 sokuba uSihlalo, ngokweCandelo lama56 lePFMA, uza kuzalisekisa uxanduva lweGosa elinoXanduva, egameni lequmrhu loluntu.

Ngokwecandelo le17 loMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni, we1998, amagosa ecandelo leeNkonzo zeeLwimi leDCAS abonelela ngenkxaso yolawulo kwiWCLC. Umsebenzi wolawulo ubandakanya umxholo nenkxaso yenkqubo nokulawula onke amalungiselelo ayimfuneko ekusebenzeni ngempumelelo kweKomiti. Imisebenzi yenkxaso yolawulo lwemali yenziwa ngabasebenzi kwicandelo lezeMali leDCAS.

Onke amaxwebhu anxulumene nolawulo lweWCLC agcinwa kwiYunithi yeeNkonzo zeeLwimi kwaye amaxwebhu anxulumene nemali akwicandelo lezeMali. Amaxwebhu agcinwa kwinkqubo yoLawulo lokuQulathiweyo lweShishini (ECM), ukuze agcinwe ngokukhuselekileyo, afumaneke lula, nenkumbulo yeziko.

Imeko yombutho apho iKomiti isebenza khona ibonakaliswa lulwakhiwo lwesebe olungezantsi.



## ICANDELO C: UMLINGANISELO WETHU WOKUSEBENZA

### 5. IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA KWENKQUBO YEZIKO

#### INKQUBO: IKOMITI YEELWIMI ZASENTSHONA KOLONI

**Injongo:** Kukukhuthaza ukuphunyezwa komgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni.

#### 5.1 Iziphumo, iimveliso, izalathisi zokusebenza nokujoliswe kuko

Isiphumo	Iimveliso	Izalathisi zemveliso	Unxibebelelwano lweVIP	Ekujoliswe kuko ngoNyaka						
				Owona Msebenzi uPhicothiweyo			Umsebenzi oQikelelweyo	Ixesha leMTEF		
				2021/22	2022/23	2023/24	2024/25	2025/26	2026/27	
Abemi abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanyayo nolumanyeneyo	Uphando lokuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi okanye imibuzo okanye amaphulo okwazisa okanye iiprojekthi zokulandelela ezigqityiweyo	Inani leentshukumo ezikhuthaza uphunyezo loMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni	1 naka3	2	2	2	1	1	1	1
Abemi abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanyayo nolumanyeneyo	Iiprojekthi zokukhuthaza iilwimi zemveli ezigqityiweyo	Inani leeprojekthi ezikhuthaza iilwimi zemveli	1 naka3	1	2	3	1	1	1	1
Abemi abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanyayo nolumanyeneyo	Uthethathethwano olusesikweni lokuphumeza uMgaqonkqubo weLwimi weWC	Inani lamatyeli othethathethwano okusesikweni lokuphumeza uMgaqonkqubo weLwimi weWC	1 naka3	6	6	6	6	6	6	6

#### 5.2 Izalathisi, Okujoliswe kuko ngoNyaka nangeKota: kowama2024/25

Izalathisi zeeMveliso	Okujoliswe kuko ngoNyaka	Q1	Q2	Q3	Q4
1.1 Inani leentshukumo ezikhuthaza uphunyezo loMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni	1			1	
1.2 Inani leeprojekthi ezikhuthaza iilwimi zemveli	1		1		
1.3 Inani lamatyeli othethathethwano okusesikweni lokuphumeza uMgaqonkqubo weLwimi weWC	6	1	2	2	1

## 6. IINGCACISO ZOMSEBENZI OCWANGCISIWEYO KWIXESHA LESIQINGATHA ESIPHAKATHI SONYAKA

Ngokuhambelana nesicwangciso sobuchule seKomiti seminyaka emihlanu sama2020/25, isicwangciso sonyaka seKomiti sigxile ekufakeni igalelo kwezi njongo zingasentla ngokugxininisa oku kulandelayo:

- Ukubhiyozela nokukhuthaza imihla yokubaluleka kolwimi lwesizwe nolwamazwe ngamazwe.
- Ukukhuthaza ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni.

Oku kuquka iinkqubo ezikhuthaza, iilwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, ezizezi, isiNgesi, isiBhulu nesiXhosa; ukudala ulwazi ngeemfuno zabangevayo ngeendlebe; ukuphakamisa umgangatho nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezo lwimi zemveli ezazikade zijongelwa phantsi ngaphambili ezazisetyenziswa ngabantu baseNtshona Koloni; ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi; nokuqinisekisa ubumbano loluntu ngokuphakamisa iintlobo ntlobo zeelwimi.

Iziko loPhononongo loBundlobongela noXolelwaniso (CSVR) liqhube izifundo zeziganeko ezintandathu kuMzantsi Afrika uphela laza lafumanisa ukuba iiprojekthi ezicwangcisiweyo ngentathonxaxheba enkulu yabahlali kusenokwenzeka ukuba zisebenze kakuhle, zikhuthaza impembelelo ebambeneyo (iQhinga lesiCwangciso sePhondo leNtshona Koloni sowama2019 - 2024). Ukuza kuthi ga ngoku, iWCLC iza kuququzelela imibhiyozo yeentsuku zeelwimi zehlabathi nezesizwe. Ngezi ntlobo zamalinge, iWCLC iza kuthethana nabemi ngokukhuthaza ukusetyenziswa kolwimi lweenkobe, ibenze bathathe inxaxheba kwaye bazixhobise kwaye oku kuya kuququzelela ubumbano loluntu kwaye kubenze bazive bengababantu nokuba bangoobani. Oku kuza kuba negalelo kwiziphumo zeQhinga lesiCwangciso sePhondo leNtshona Koloni sowama2019 ukuya kowama2024.

UMthetho woHlaziyo lweshumi elinesibhozo loMgaqosiseko wapasiswa ngowama2023. Lo Mthetho uhlolele iCandelo 6(1) loMgaqosiseko waseMzantsi Afrika, wowe1996, uvumela ukwamkelwa kweSASL njengolwimi olusemthethweni lwe12 lwelizwe. Idala iimeko ezisemgangathweni zokuqhubela phambili iSASL kunye nokwazisa ngeemfuno zabangevayo. Esi sigqibo sibalulekileyo sihambelana nokukhuthazwa okusebenzayo kweKomiti yeSASL neemfuno zabangevayo kwiinkqubo zayo ezikhoyo.

INdibano yeZizwe eziManyeneyo yabhengeza owama2022 ukuya kuma2032 'njengeshumi leminyaka leeLwimi zeMveli zaMazwe ngaMazwe', ibeka ukukhanya kwehlabathi kwiimeko ezinzima zeelwimi ezininzi zemveli nokudibanisa abachaphazelekayo nemithombo yokukhuthaza, ukugcinwa nokuvuselela. Iinkqubo zeKomiti ziza kubandakanya ukukhuthazwa kweelwimi ebezifudula zisingelwe phantsi kweli phondo. Ngokuphakamisa ulwazi malunga nokubaluleka kweelwimi zemveli nokuxhasa amanyathelo okuzigcina, iKomiti iza kuba negalelo ekufezekiseni iinjongo zoPhuhliso oluZinzileyo lweZizwe eziManyeneyo, ngakumbi ezo zinxulumene nemfuno, iyantlukwano yenkcubeko, nokubandakanywa ngokwentlalo.

IKomiti iza kuqhubeka igxininisa kumalinge okukhuthaza iilwimi zamaSan namaKhoi. Zimbalwa izithethi elizweni ezikwaziyo ukuthetha ezi lwimi, kungoko kufuneka kwamkelwe amathuba amatsha okuziqhubela phambili. Ngesi Khoekhoegowab (ebizwa ngokuba: Kwe kwe gohvab) intetho ithi 'IGui gowa-l ge tatse ðausa tama hâ' (ulwimi olunye alwanelanga).

Kuya kufunwa amanye amathuba okukhuthaza iKaaps, edla ngokusetyenziselwa ukufunda, ukubhala nokuthetha eNtshona Koloni. IKaap yadalwa eMzantsi Afrika ngeminyaka yee1500 kodwa iseyenye yezona lwimi zingathathelwa ngqalelo kweli phondo.

Kwiminyaka edlulileyo ubambiswano oluqaphelekayo neminye imibutho yeelwimi ukubhiyozela iintsuku ezibalulekileyo zesizwe nezamazwe ngamazwe zibonakalise ukubaluleka, okuthe kwavumela ucwangciso olusebenzayo, olubambeneyo noluzinzileyo nokuqaliswa kweenkqubo. Umzekelo, kweyeSilimela wama2022, iKomiti yasebenzisana neDCAS nelziko Myuziyam yaseMzantsi Afrika ukubhiyozela uSuku loLutsha. Umxholo ubusithi 'Ukukhuthaza indlela yokuphila ezinzileyo nokomelela kwabantu abatsha ngengomso elingcono'. Iingxoxo bezigxile kwiilwimi zenkobe, imfuno, ukudala amathuba emisebenzi, ushishino, ukulwa ulwaphulomthetho nokusetyenziswa gwenxa kwezinyobisi nokuphelisa ubundlobongela obusekelwe kwisini. Ngokusebenzisa ezi ntlobo zeengxoxo uluntu olwahlukeneyo lufumene indawo efanayo ngamava ekwabelwana ngawo, anegalelo kumanyano loluntu.



KweyoMsintsi wama2022, ekubhiyozeleni iNyanga yokuQatshelwa kwabantu abaNgevayo ngeeNdlebe, iKomiti ibambisene neDCAS, iZiko leMyuziyam laseMzantsi Afrika, iNID nePanSALB ukuphehlelela isichazimagama sokuqala esibhalwe ngeelwimi ezimbini seSASL esaphuhliswa yiNID. IKomiti yangaphambili iphinde yasebenzisana neQonga lokuSebenza ngeelwimi zeMveli, iThala leeNcwadi likaZwelonke laseMzantsi Afrika, iProjekthi yeeLwimi zeSupuSupu Khoi, iBhodi yeeLwimi zesiSwahili, neYunivesithi yaseNtshona Koloni. Ngezi ntlobo zothethathethwano, ukukhuthazwa okudibeneyo kweelwimi ezisemthethweni zephondo, iSASL neelwimi zesintu ezingahoywanga ezifana nesiKhoekhoegowab neKaaps zibalasele.

Njengoko bekunjalo kwiminyaka edlulileyo, iKomiti iza kuhlala ihlola igalelo layo kwisigunyaziso seDCAS ngexesha leentlanganiso ezibambayo. Ingxoxo iza kujikeleza kwiziphumo zeeprojekthi zangaphambili novavanyo lweprojekthi zexesha elizayo njengoko zihambelana neKomiti nesigunyaziso seSebe.

## 7. IINGQWALASELA ZEZIXHOBO ZENKQUBO

### Ukulungelelanisa imisebenzi ekujoliswe kuyo nohlahlo lwabiwomali neMTEF

lingqikelelo zenkcitho

Inkqubo	Isiphumo esiphicothiweyo			Inkcitho eqikelelweyo	Uqikelelo lwenkcitho yesigaba esiphakathi sonyaka		
	2020/21	2021/22	2022/23		2023/24	2024/25	2025/26
IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Koloni	164	184	436	321	361	354	370
<b>Iyonkana</b>	<b>164</b>	<b>184</b>	<b>436</b>	<b>321</b>	<b>361</b>	<b>354</b>	<b>370</b>
<b>Iintlawulo ezithe ngqo kwiNgxowamali yeNgeniso kaZwelonke</b>	-	-					
<b>Iyonke</b>	<b>164</b>	<b>184</b>	<b>436</b>	<b>321</b>	<b>361</b>	<b>354</b>	<b>370</b>
<b>Udidi lwezoQoqosho</b>							
<b>Iintlawulo zangoku</b>	164	184	436	321	361	354	370
Imbuyekezo yabasebenzi							
Iimpahla neenkonzongokuba:							
uNxibelelwano				4			
Iinkonzo zekhompuyutha	22	24	25	27	30	29	30
Abacebisi, oonokhontraktha neenkonzozikhethekileyo	34	39	40	114	140	131	137
Uluhlu lweempahla							
uLungiso neendleko zokuqhuba umsebenzi							
Uqeshiso olusebenzayo							
Uhambo nesibonelelo sokuphila	-	14	34	35	42	38	40
Iimirhumo yophicothozincwadi	65	59	49	60	70	67	70
Upapasho							
* Ezinye	43	48	288	81	79	89	93
Inzala nemali yengqishiso yomhlaba							
Utshintshiselwano lwemali kwiiasethi namatyala							
<b>Udluliselo nezibonelelo:</b>	-	-	-	-	-	-	-
kumaPhondo nakoomasipala							
Iiarhente neeakhawunti zeSebe							
IiYunivesithi neeKholeji							
Iinkampani zikaRhulumente namashishini abucala							
Oorhulumente bamanye amazwe nemibutho yezizwe ngezizwe							
Amaziko angenzi nzuzo							
Amakhaya							
<b>Iintlawulo neeasethi ezinkulu</b>	-	-	-	-	-	-	-
Izakhiwo nezinye izakhiwo ezisisigxina							
Oomatshini nezixhobo							
Iiasethi ezilinyiweyo							
iSoftware nezinye iiasethi ezingaphathekiyo							
Iiasethi zomhlaba nezaphantsi komhlaba: ngokuba: Imbuyekezo esisambuku							
<b>Iyonke</b>	<b>164</b>	<b>184</b>	<b>436</b>	<b>321</b>	<b>361</b>	<b>354</b>	<b>370</b>

\* ibandakanya izibonelelo zeentlanganiso zeKokiti yeeLwimi

## 8. IMINGCIPHEKO ENGUNDOQO EHLAZIYIWEYO

Isiphumo	Umngcipheko onguNdoqo	UkuNcitiswa koMngcipheko
Abemi abaxhotyisiweyo noluntu olubandakanyayo nolumanyeneyo	UMgaqonkqubo weeLwimi zeNtshona Koloni awuphunyezwa ngokupheleleyo ngamasebe athile ePhondo	IKomiti yenza uphando kwiminyaka emibini ukuhlola ukuthotyelwa kweWCG kuMgaqonkqubo weeLwimi

## 9. AMAQUMRHU KARHULUMENTE

Awekho

## 10. IIPROJEKTHI ZEZISEKO EZINGUNDOQO

Awekho

## 11. UBUDLELWANE PHAKATHI KUKARHULUMENTE NAMASHISHINI ABUCALA

Awekho

## ICANDELO D: IINKCAZELO ZESALATHISI SOBUCHWEPHESHE (TID)

<b>Inombolo yesalathisi</b>	1.1
<b>Igama lesalathisi</b>	Inani lemisebenzi ekhuthaza ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni
<b>Inkcazelo emfutshane</b>	Ukubeka iliso nokukhuthaza ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weLwimi zeNtshona Koloni
<b>Injongo</b>	Ukuphumeza iCandelo lesi6 nele9 loMgaqosiseko noMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Koloni
<b>AbaXhamli abanguNdoqo</b>	Uluntu lwaseNtshona Koloni
<b>Umthombo weenkukacha</b>	Umthombo weenkukacha: linkukacha ekubonelelwe ngazo ngamasebe/iiNkqubo zemisitho Itheyibhile yeenkukacha eyiyeyona isetyenzisiweyo (xa iyinkqubo/iExcel): Ayikho
<b>Izithintelo zeenkukacha</b>	Azikho
<b>Okucingelekayo</b>	Ukusebenzisana nabanye abachaphazelekayo kummandla wolwimi kuza kuqinisekisa impembelelo enkulu ekuphumezeni iziphumo
<b>Iindlela zokuqinisekisa</b>	Iingxelo, iirejista zokuzimasa nokubonakalayo
<b>Indlela yokubala</b>	Ubalo
<b>Uhlobo lokubala</b>	Olongezelelwayo <input type="checkbox"/> Ekupheleni konyaka <input type="checkbox"/> Ukuphela konyaka <input checked="" type="checkbox"/> Olungongezelelwayo ukuza kuthi ga ngoku
<b>Umjikelo wokunikwa kwengxelo</b>	<input type="checkbox"/> NgeKota <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka <input checked="" type="checkbox"/> NgoNyaka <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka minyaka le
<b>Umsebenzi onqwenelekayo</b>	<input type="checkbox"/> Ngaphezu kobe kujoliswe kuko <input checked="" type="checkbox"/> Kobe kujoliswe kuko <input type="checkbox"/> Ngaphantsi kobe kujoliswe kuko
<b>Uhlobo lwesalathisi</b>	Ingaba esi siSalathisi soHanjiso lweeNkonzo?
	<input checked="" type="checkbox"/> EWE <input type="checkbox"/> HAYI
	Ukuba <b>ewe</b> , qinisekisa indawo (iindawo) eziphambili apho u(imi)nikelo elinganiswe ngesi salathisi iyakuphucula (ukukhetha kaninzi kunokwenziwa):
	<input checked="" type="checkbox"/> Ufikelelo <input type="checkbox"/> Ukuthembeka <input checked="" type="checkbox"/> Ukusabela <input type="checkbox"/> Ukugqibelela
	Ingaba esi siSalathisi esiQhutywa siSidingo?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
<b>Indawo yoMhlaba weSalathisi</b>	Ingaba esi siSalathisi esiseMgangathweni?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
	Ububanzi: <input type="checkbox"/> Indawo eNye <input checked="" type="checkbox"/> Iindawo eziNinzi
	Ubungakanani: <input checked="" type="checkbox"/> BePhondo <input checked="" type="checkbox"/> BeNgingqi <input checked="" type="checkbox"/> BooMasipala beNgingqi <input type="checkbox"/> BeWadi <input type="checkbox"/> BeDilesi
	IiNkcukacha / iDilesi / iLungelelanisa:
Kwiindawo ezininzi zohanjiso, oku kuya kwabelwana ngayo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka (AOP)?	
<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI	

<b>Uxanduva lwesalathisi</b>	Umlawuli woXanduva
<b>Inguqu yoMhlaba</b>	Okuphambili kwinguqu yomhlaba: AYINGENI Inkcazelo yefuthe lomhlaba: AYINGENI
<b>Ukwahlulwahlulwa kwabaxhamli-AmaQela amaLungelo oLuntu</b>	Okujoliswe kwabasetyhini: AYINGENI Okujoliswe kulutsha: AYINGENI Okujoliswe kubantu abaphila nokhubazeko: uluntu olungevayo Okujoliswe kubantu abadala: AYINGENI <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
<b>IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo (PSIP)</b>	<input type="checkbox"/> iG4J <input type="checkbox"/> Ukhuselo <input checked="" type="checkbox"/> Impilontle  <input type="checkbox"/> Usungulo lwezinto ezintsha, iNkcubeko noLawulo <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
<b>IiNkcukacha zoPhunyezo (linkonzo ezingundoqo zilinganisiwe)</b>	NgokweAOP nganye

<b>Inombolo yesalathisi</b>	1.2
<b>Igama lesalathisi</b>	Inani leprojekthi ezikhuthaza iilwimi zemveli
<b>Inkcazelo emfutshane</b>	Ukukhuthazwa kweelwimi ebezifudula zisingelwa phantsi mandulo kweli phondo
<b>Injongo</b>	Ukuphumeza iCandelo lesi6 nele9 loMgaqosiseko noMthetho weLwimi weNtshona Koloni ngokugxininisa ekukhuthazeni nasekusetyenzisweni kweelwimi zesintu eNtshona Koloni
<b>AbaXhamli abanguNdoqo</b>	Uluntu lwaseNtshona Koloni
<b>Umthombo weenkukacha</b>	Iinkukacha zomthombo: IiNkqubo zemisitho Eyona theyibhile yeenkukacha isetyenzisiweyo (xa inkqubo/iExcel): Ayikho
<b>Izithintelo zeenkukacha</b>	Ukuzimasa akunakuqinisekiswa njengoko kusenziwa ngokwesimemo ngasinye nangokuzithandela
<b>Okucingelekayo</b>	Ukusebenzisana nabanye abachaphazelekayo kummandla wolwimi kuza kuqinisekisa ifuthe elikhulu ekuphumezeni iziphumo
<b>Iindlela zokuqinisekisa</b>	Iingxelo, iirejista zokuzimasa nokubonakalayo
<b>Iindlela yokubala</b>	Ubalo
<b>Uhlobo lokubala</b>	Olongezelelwayo <input type="checkbox"/> Ekupheleni konyaka <input type="checkbox"/> Ukuphela konyaka <input checked="" type="checkbox"/> Olungongezelelwayo ukuza kuthi ga ngoku
<b>Umjikelo wokunikwa kwengxelo</b>	<input type="checkbox"/> NgeKota <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka <input checked="" type="checkbox"/> NgoNyaka <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka minyaka le
<b>Umsebenzi onqwenelekayo</b>	<input type="checkbox"/> Ngaphezu kobe kujoliswe kuko <input checked="" type="checkbox"/> Kobe kujoliswe kuko <input type="checkbox"/> Ngaphantsi kobe kujoliswe kuko

Uhlobo lwesalathisi	Ingaba esi siSalathisi soHanjiso lweeNkonzo?
	<input checked="" type="checkbox"/> EWE <input type="checkbox"/> HAYI
	Ukuba <b>ewe</b> , qinisekisa indawo (iindawo) eziphambili apho u(imi)nikelo elinganiswe ngesi salathisi iyakuphucula (ukukhetha kaninzi kunokwenziwa):
	<input checked="" type="checkbox"/> Ufikelelo <input type="checkbox"/> Ukuthembeka <input checked="" type="checkbox"/> Ukusabela <input type="checkbox"/> Ukugqibelela
	Ingaba esi siSalathisi esiQhutywa siSidingo?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
Indawo yoMhlaba weSalathisi	Ingaba esi siSalathisi esiseMgangathweni?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
	Ububanzi: <input type="checkbox"/> Indawo eNye <input checked="" type="checkbox"/> Iindawo eziNinzi
	Ubungakanani: <input checked="" type="checkbox"/> BePhondo <input checked="" type="checkbox"/> BeNgingqi <input checked="" type="checkbox"/> BooMasipala beNgingqi <input type="checkbox"/> BeWadi <input type="checkbox"/> BeDilesi
	IiNkcukacha / iDilesi / iLungelelanisa: Kwiindawo ezininzi zohanjiso, oku kuya kwabelwana ngayo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka (AOP)?
<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI	
Uxanduva lwesalathisi	Umlawuli woXanduva
Inguqu yoMhlaba	Okuphambili kwinguqu yomhlaba: AYINGENI Inkcazelo yefuthe lomhlaba: AYINGENI
Ukwahlulwahlulwa kwabaxhamli- AmaQela amaLungelo oLuntu	Okujoliswe kwabasetyhini: AYINGENI Okujoliswe kulutsha: AYINGENI Okujoliswe kubantu abaphila nokhubazeko: uluntu olungevayo Okujoliswe kubantu abadala: AYINGENI <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo (PSIP)	<input type="checkbox"/> iG4J <input type="checkbox"/> Ukhuselelo <input checked="" type="checkbox"/> Impilontle
	<input type="checkbox"/> Usungulo lwezinto ezintsha, iNkcubeko noLawulo <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
IiNkcukacha zoPhunyezo (linkonzo ezingundoqo zilinganisiwe)	NgokweAOP nganye

Inombolo yesalathisi	1.3
Igama lesalathisi	Inani leendibano ezisesikweni zokuphumeza uMgaqonkqubo weLwimi weWC
Inkcazelo emfutshane	Kubanjwe iintlanganiso zekomiti ukuxoxa ngokukhuthazwa iilwimi ezintathu ezisemthethweni kunye neelwimi ebezihlelekile ngaphambili kwiphondo, kubandakanywa noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika.
Injongo	Iintlanganiso ezibanjiweyo zokuchonga/ukuxoxa ngemiba yolwimi ngokungqinelana noMgaqonkqubo weLwimi weNtshona Koloni
AbaXhamli abanguNdoqo	Uluntu lwaseNtshona Koloni
Umthombo weenkukacha	Umthombo weenkukacha: lirejista zokuzimasa neMizuzu yeentlanganiso zekomiti Eyona theyibhile yeenkcukacha isetyenzisiweyo (xa inkqubo /iyiExcel): Ayikho

<b>Izithintelo zeenkukacha</b>	Ukungapheleli kwenani elifunekayo kwiintlanganiso
<b>Okucingelekayo</b>	Imali eyaneleyo nezixhobo zeHR
<b>Iindlela zokuqinisekisa</b>	Iirejista zokuzimasa neMizuzu yeentlanganiso zeKomiti
<b>Iindlela yokubala</b>	Ubalo
<b>Uhlobo lokubala</b>	<input type="checkbox"/> Olongezelelwayo <input checked="" type="checkbox"/> Ekupheleni konyaka <input type="checkbox"/> Ukuphela konyaka ukuza kuthi ga ngoku <input type="checkbox"/> Olungongezelelwayo
<b>Umjikelo wokunikwa kwengxelo</b>	<input checked="" type="checkbox"/> NgeKota <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka <input type="checkbox"/> NgoNyaka <input type="checkbox"/> Kabini ngoNyaka minyaka le
<b>Umsebenzi onqwenelekayo</b>	<input type="checkbox"/> Ngaphezu kobe kujoliswe kuko <input checked="" type="checkbox"/> Kobe kujoliswe kuko <input type="checkbox"/> Ngaphantsi kobe kujoliswe kuko
<b>Uhlobo lwesalathisi</b>	Ingaba esi siSalathisi soHanjiso lweeNkonzo?
	<input checked="" type="checkbox"/> EWE <input type="checkbox"/> HAYI
	Ukuba <b>ewe</b> , qinisekisa indawo (iindawo) eziphambili apho u(imi)nikelo elinganiswe ngesi salathisi iyakuphucula (ukukhetha kaninzi kunokwenziwa):
	<input checked="" type="checkbox"/> Ufikelelo <input type="checkbox"/> Ukuthembeka <input checked="" type="checkbox"/> Ukusabela <input type="checkbox"/> Ukugqibelela
	Ingaba esi siSalathisi esiQhutywa siSidingo?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
	Ingaba esi siSalathisi esiseMgangathweni?
<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI	
<b>Indawo yoMhlaba weSalathisi</b>	Ububanzi: <input type="checkbox"/> Indawo eNye <input checked="" type="checkbox"/> Iindawo eziNinzi
	Ubungakanani: <input checked="" type="checkbox"/> BePhondo <input checked="" type="checkbox"/> BeNgingqi <input checked="" type="checkbox"/> BooMasipala beNgingqi <input type="checkbox"/> BeWadi <input type="checkbox"/> BeDilesi
	IiNkcukacha / iDilesi / iLungelelanisa:
	Kwiindawo ezininzi zohanjiso, oku kuya kwabelwana ngayo kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka (AOP)?
	<input type="checkbox"/> EWE <input checked="" type="checkbox"/> HAYI
<b>Uxanduva lwesalathisi</b>	Umlawuli woXanduva
<b>Inguqu yoMhlaba</b>	Okuphambili kwinguqu yomhlaba: AYINGENI Inkcazelo yefuthe lomhlaba: AYINGENI
<b>Ukwahlulwahlulwa kwabaxhamli-AmaQela amaLungelo oLuntu</b>	Okujoliswe kwabasetyhini: AYINGENI Okujoliswe kulutsha: AYINGENI Okujoliswe kubantu abaphila nokhubazeko: uluntu olungevayo Okujoliswe kubantu abadala: AYINGENI <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
<b>IQhinga loPhunyezo lwesiCwangciso sePhondo (PSIP)</b>	<input type="checkbox"/> iG4J <input type="checkbox"/> Ukhuselo <input checked="" type="checkbox"/> Impilontle
	<input type="checkbox"/> Usungulo lwezinto ezintsha, iNkcubeko noLawulo <input type="checkbox"/> Akukho nanye kwezi zingentla
<b>IiNkcukacha zoPhunyezo (linkonzo ezingundoqo zilinganisiwe)</b>	NgokweAOP nganye



## ISIHLOMELO KWISICWANGCISO SOKUSEBENZA SONYAKA

### ISIHLOMELO A: IZILUNGISO KWIQHINGA LESICWANGCISO

Azikho

### ISIHLOMELO B: IZIBONELELO ZOXHOMKEKO

Azikho

### ISIHLOMELO C: IZALATHISI EZIDITYANISIWEYO

Azikho





Western Cape  
Government



Western Cape Language Committee  
Wes-Kaapse Taalkomitee  
IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Cultural Affairs and Sport

# Annual Performance Plan 2024/2025





# CONTENTS

<b>EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT</b>	<b>2</b>
<b>ACCOUNTING OFFICER STATEMENT</b>	<b>3</b>
<b>OFFICIAL SIGN-OFF</b>	<b>4</b>
<b>ACRONYMS</b>	<b>5</b>
<b>PART A: OUR MANDATE</b>	<b>6</b>
<b>1. UPDATES TO THE RELEVANT LEGISLATIVE AND POLICY MANDATES</b>	<b>6</b>
1.1 Constitutional mandates	6
1.2 Legislative mandates	7
1.3 Policy mandates	8
<b>2. UPDATES TO INSTITUTIONAL POLICIES AND STRATEGIES</b>	<b>10</b>
<b>3. UPDATES TO RELEVANT COURT RULINGS</b>	<b>10</b>
<b>PART B: OUR STRATEGIC FOCUS</b>	<b>11</b>
<b>4. UPDATED SITUATIONAL ANALYSIS</b>	<b>11</b>
4.1 External environment	11
4.2 Internal environment	12
<b>PART C: MEASURING OUR PERFORMANCE</b>	<b>13</b>
<b>5. INSTITUTIONAL PROGRAMME PERFORMANCE INFORMATION</b>	<b>13</b>
5.1 Outcomes, outputs, performance indicators and targets	13
5.2 Indicators, Annual and Quarterly Targets: 2023/24	13
<b>6. EXPLANATION OF PLANNED PERFORMANCE OVER THE MEDIUM-TERM PERIOD</b>	<b>14</b>
<b>7. PROGRAMME RESOURCE CONSIDERATIONS</b>	<b>16</b>
<b>8. UPDATED KEY RISKS</b>	<b>17</b>
<b>9. PUBLIC ENTITIES</b>	<b>17</b>
<b>10. INFRASTRUCTURE PROJECTS</b>	<b>17</b>
<b>11. PUBLIC PRIVATE PARTNERSHIPS</b>	<b>17</b>
<b>PART D: TECHNICAL INDICATOR DESCRIPTIONS</b>	<b>18</b>
<b>ANNEXURES</b>	<b>22</b>

## EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT

I am privileged to express my approval of the Annual Performance Plan of the Western Cape Language Committee (WCLC). The WCLC has established itself over the past more than twenty years as an indispensable part of the structures and processes of the Western Cape Government. The Committee has turned the culture of excellence the Western Cape Government strives towards into a practical reality. The provincial government sees the Western Cape Language Policy as a serious matter of integrity and pride, and it is therefore important to us. Furthermore, the WCLC also advises the Western Cape Government on issues regarding multilingualism in the province.

At the heart of these matters lies the fact that language is closely intertwined with identity and communication. When it comes to the Western Cape Government building an inclusive social identity, and inclusive provision of public services, the work of the WCLC is all the more important.

This Annual Performance Plan aims to implement the Western Cape Provincial Languages Act (Act 13 of 1998) and oversees the implementation of the Western Cape Language Policy. It also details the measures put in place to achieve the strategic goals and vision of the WCLC – to further empower everyone who considers the Western Cape their home through language to promote human dignity through mutual respect and linguistic democracy.

